

**Quality of Life Survey VI (2020/21)**

Mhlali waseRhawutini othandekayo,

Rhoqo kwiminyaka emibini, i-Gauteng City-Region Observatory – ubambiswano ne-Wits neYunivesithi yaseRhawutini – iqhuba uhlalutyo loMgangatho woBomi (Quality of Life survey). Sibuzwa imibuzo ngemibandela ebanzi esichaphazelayo sisonke, ukusuka kwezothutho ukuya kwimfundo ukuya kwizimvo zasekuhlaleni ngongcoliseko – siye sizame ukuqwalasela izinto ezininzi kangangoko kunokwenzeka. Kulo nyaka, siqhuba uhlalutyo lwethu lwesithandathu, yaye siza kudlana iindlebe nabantu abadala abangaphezulu kwama-13 000 kwi-Gauteng City-Region jikelele. GeoSpace International uqhuba udliwano-ndlebe egameni le-GCRO. Lonke udliwa-nondlebe luyakwenziwa nqokuqaphela imiqathango nemigomo yeCOVID-19.

Ukhethe ngokungenamkhethe ukuqinisekisa ukuba uhlalutyo lubonelela ngomfanekiso ochanekileyo wobomi eRhawutini yaye siyakumema ukuba uphendule uxwebhu lwemibuzo oluza kuthatha malunga nemizuzu engama-45, nangona isenokuya kuma kwiyure. Siza kukubuzwa ngolwazi olukuchazayo, njengegama nedilesi yakho, oluza kusetyenziswa ukulawula umgangatho/ubulunga kuphela. Siza kurekhoda ukungqamana kwe-GPS (GPS coordinates) kwendawo ekuqhutywa kuyo udliwano-ndlebe. Lonke ulwazi ekwabelwene nathi ngalo luza kuphathwa ngokuyimfihlo ngokugqibeleleyo. Kwakugqitywa lonke udliwano-ndlebe, iimpendulo ziza kuhlanganiswa ngendlela eyimfihlo ngokugqibeleleyo. Awuzokufumana zinzuzo zithe ngqo ngokuthatha inxaxheba kolu phando, yaye akukho kuchaneka nazohlwayo ngokungathathi nxaxheba. Unakho ukukhetha ukubgaphenduli nawuphi umbuzo kwaye ungarhoxa kuphononongo nangaliphi ixesha. Siza kubuzwa imibuzo engawe buqu nenokuba nobuzaza, kwaye ukuba ufumana ukuxinzeleleka okanye ukuxakaniseka, siza kulumisa okanye silunqumamise udliwano-ndlebe, okanye siyitsibe le mibuzo. Siza kukubonelela ngoluhlu lwemibuzo ebonelela ngocetyiso nezinye inkonzo simahla.

Iziphumo ezenziwe zanobumfihlo ziya kufumaneka kuwonke-wonke kwaye kwakwabelwana ngazo norhulumente ukubanceda bacebe kwaye balawule ngcono i-Gauteng City-Region. Olu hlalutyo luxhaswe ngezimali ngurhulumente wephondo norhulumente wasekuhlaleni, kodwa i-GCRO liziko elizimeleyo lophando leyunivesithi, kwaye sithetha ekufuneka kuthethiwe, ngokusekwe kulwazi oluvela kuhlalutyo. Uhlalutyo lwethu lwangaphambili lwenze amagalelo avisayo ekuqondeni imibandela kwi-city-region yethu yaye silusebenzisile olu lwazi ekuveliseni iingxelo zophando, izikhokelo zeenkukacha (data briefs) neemaphu. Kule leta kuqhotyoshelwe inxalenye yemizekelo yaye ungaya nakwiwebhusayithi yethu ku- [www.gcro.ac.za](http://www.gcro.ac.za) ubone iziphumo zangaphambili zohlalutyo lwe-Quality of Life ([www.gcro.ac.za/qolviewer](http://www.gcro.ac.za/qolviewer)). Kululutho kakhulu ukuthatha kwakho inxaxheba.

Ukuba unayo nayiphi imibuzo ngolu hlalutyo, ukunxibelelana neziko lonxibelelwano leGeoSpace (081 073 2446; 071 041 0033) okanye uqhagamshelane nam ngqo kule nombolo (011) 717 7280 okanye nge-imeyili [julia.dekadt@gcro.ac.za](mailto:julia.dekadt@gcro.ac.za). Ukuba unazo naziphi iinkxalabo okanye izikhalazo malunga neenkqubo zeenqobo ezisesikweni zolu phononongo, wamkelekile ukuba uqhagamshelane ne-University Human Research Ethics Committee (Non-Medical), umnxeba +27(0) 11 717 1408, i-imeyili

[Shaun.Schoeman@wits.ac.za](mailto:Shaun.Schoeman@wits.ac.za).

Ozithobileyo

Dkt Julia de Kadt

Quality of Life Survey Project Lead, Gauteng City-Region Observatory